



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2012**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha asi-8.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:  

ICANDELO A:	Izincoko	(40)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(20)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci bexesha KWICANDELO A, imizuzu engama-30 KWICANDELO B uze usebenzise nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.  
QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-180.

**UMBUZO 1**

## 1.1 UKHUPHISWANO LWEMIDLALO ESIKOLWENI SAM.

Izikolo zengingqi ohlala kuyo bezidibene esikolweni sakho kukhuphiswano lwemidlalo. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngako konke okuqhubekileyo ngale mini.

**[40]**


## 1.2 Ndinephupha lokuba ngenye imini ... Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli phupha lakho.

**[40]**

## 1.3 Bhala isincoko esiza kuphela ngala mazwi: 'Ibimnandi kakhulu iholide yam ephelileyo.'

**[40]**

## 1.4



Ingaba i-intanethi idala iingxaki okanye iluncedo ebomini bethu? Bhala isincoko uchaze ngendlela i-intanethi edala ngayo iingxaki okanye eluncedo ngayo kubomi bale mihla.

**[40]**

## 1.5 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko ngesihloko ozikhethela sona. Bhala inombolo yomfanekiso owukhethileyo (1.5.1, 1.5.2, 1.5.3 okanye 1.5.4) uze unike isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho unxulumano phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

## 1.5.1


**[40]**

1.5.2




[40]

1.5.3



[40]

1.5.4



[40]


**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-80. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 2****2.1 INGXOXO**

Wena unomdla wokufunda kwiyunivesithi okanye kwikholeji ekwelinye iphondo loMzantsi Afrika. Umama okanye utata wakho akayiboni kakuhle le nto. Xoxa naye uzame ukumqinisekisa ukuba akukho ngxaki nokufunda kude nekhaya.

**[20]****2.2 ILETA ESEMTHETHWENI**

Indawo yokuphumla (ipaki) ekufuphi nendlu yakho ithe saa amaphepha, iiplastikhi neebhotile kwaye seyyindawo yokuzimela yabantu abasebenzisa nabathengisa iziyobisi njengeTik neMandrax. Bhala ileta uyithumele kuceba kaMasipala ucele ukuba kubuyiselwe le paki kubuhle bayo nakwimeko yayo yangaphambili.

**[20]**

**2.3 ILETA YOBUHLOBO**

Emva kokuphumelela emagqabini izifundo zakho eyunivesithi ufumene umsebenzi okudidi oluphezulu kakhulu. Bhala ileta ubulele abazali bakho ngako konke abakwenzele kona ebomini ukuze ube kule ndawo ukuyo namhlanje.



[20]

**2.4 INGXELO**

Wena uye wafumana ithamsanqa lokuzuza itikiti lokuya kubukela imidlalo yeNdebe yeHlabathi yerabhi (yombhoxo) kwilizwe laseNew Zealand kulo nyaka uphelileyo. Ucelwe yinqununu yakho ukuba ubhale ingxelo eza kufundelwa indibano yesikolo ngotyelelo lwakho eNew Zealand. Bhala le ngxelo.



[20]


**AMANQAKU ECANDELO B:****20**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 3****3.1 IPOSIKHADI**

Wena nomhlobo wakho nifumene ithuba lokuya kwiholide yabantu ababini ngaselwandle eThekwini. Bhalela abazali bakho iposikhadi ubachazele ngoyelelo lwakho.


**[20]****3.2 IPOWUSTA**

Iklabhu (umbutho) yesiXhosa kwisikolo sakho iza kuba nekonsathi. Yila uze ubhale ipowusta yale konsathi uthethe ngezinto eziza kwenziwa njengomculo, umdaniso, ukubonga, ukutya, njalo njalo.

**[20]**

3.3 UKUKHOMBA INDLELA

Wena udibana nomntu olahlekayo kwiMain Road yedolophu ohlala kuyo. Lo mntu ufuna ukuya kubukela ifilimu eNu Metro. Khombisa lo mntu indlela umchazele ukuba uza kuhamba njani ukusuka kwiMain Road ukuya eNu Metro. Thetha nangeendawo aza kudlula kuzo ukusuka ku-A ukuya ku-B.



[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20  
 AMANQAKU EWONKE: 80